# Indlela Yokufumana Abahlobo Abanyanisekileyo

**Imiyalelo:** Funda ezi ndinyana zingezantsi kwindawo ongazukuphazanyiswa kuyo. Njengoko ufunda zibone nawe ulapho. Yiba ngathi uyayibona into eyenzekayo. Beve bethetha abantu abalapho. Vakalelwa ngendlela abavakalelwa ngayo abantu ekuthethwa ngabo.

**Abalinganiswa abaphambili:** UYonatan, uDavide kunye noSawule

**Into eyenzeka kweli bali:** UYonatan uba ngumhlobo kaDavide osenyongweni emva kokuba uDavide ebulele uGoliyati.

❶ ***HLALUTY ESI SIGANEKO.—FUNDA EYOKU-1 KASAMUWELI 17:57–18:11; 19:1; 20:1-17, 41, 42.***

Chaza indlela ocinga ukuba wayekhangeleka ngayo uSawule. (Funda eyoku-1 kaSamuweli 10:20-23.) ____

____

Kusenokwenzeka ukuba uDavide wayeselula xa wadibana noYonatan. Ucinga ukuba wayekhangeleka njani? (Funda eyoku-1 kuSamuweli 16:12, 13.) ____

____

Ucinga ukuba babevakalelwa njani uDavide noYonatan njengoko babesahlukana ekupheleni kweyoku-1 kaSamuweli isahluko 20? ____

____

____

❷ ***CINGISISA.***

Eli bali lithi “umphefumlo kaYonatan wabophana nomphefumlo kaDavide”—okanye “uDavide noYonatan baba ngabahlobo abasenyongweni” ngokutsho kwe*Contemporary English Version*. (1 Samuweli 18:1) Ziziphi iimpawu zikaDavide ekusenokwenzeka ukuba zamenza wathandwa nguYonatan? (Funda eyoku-1 kaSamuweli 17:45, 46.) ____

____

____

UDavide noYonatan babeshiyana ngeminyaka emalunga nama-30 ubudala. Ucinga ukuba yintoni eyabenza baba “ngabahlobo abasenyongweni” nangona babeshiyana ngeminyaka emininzi kangako? ____

Ziziphi ezinye zezinto obubonakala ngazo ubuhlobo benene njengoko zibonisiwe kweli bali? (Funda IMizekeliso 17:17.)

Kwakutheni ukuze uYonatan anyaniseke kuDavide kunokuba anyaniseke kuyise?

❸ ***ZISEBENZISE IZINTO OZIFUNDILEYO. BHALA IZINTO OZIFUNDILEYO . . .***

Ngobuhlobo.

Ngokunyaniseka.

Ngokuba ngumhlobo wabantu abadala

Unokuba nguye njani umhlobo wabantu abalungileyo?

❹ ***YIYIPHI INXALENYE YELI BALI OYITHANDILEYO, YAYE NGOBA?***



www.jw.org © 2010 Watch Tower Bible and Tract Society of Pennsylvania